



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**ISIGABA
ESIPHEZULU**

IBANGA LESI -9

EYENKANGA 2019

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI-2**

AMANQAKU: 60

IXESHA: 2 liyure



Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)

ICANDELO B: Ushwankathelo (10)

ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi $(40 \div 2) =$ (20)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

*Lala Tshabalala
(Miss Curvy
Lala), yimodeli
kwanomkhuthazi
wemi zimba.*



- 1 Ndinexesha elide ndisokoliswa yinkangeleko yam. Ndichithe iminyaka ndicaphukela indlela endijongeka ngayo, ndirhalela imizimba yamanye amantombazana. Bendifunda kwisikolo sabamhlophe, kwaye abona bahlobo bam babenenwele eziyephuyephu, eziblondi kunye namehlo aluhlaza. Babengafani tu nam, kwaye kulapho ndaqala khona ukungazamkeli kuba ndandifuna ukufana nabo. Iziphumo zoku zaba kukuba ndiqale ukuba neendlela ezingalunganga zokumelana noku. Ndaye andazithemba, ndanoxinzelelo lomoya, ndanenkxalabo, andatya kakuhle kwaye ndakhathazwa zizinto ezingenamsebenzi. Ukuzamkela kwaqala ngexesha ndinxiba iimpahla ekuthiwa azinxitywa ngabantu abatyebileyo ezifana nee-crop top.
- 2 Kwi-Bio yam ka-Instagram, into yokuqala odibana nayo yinto ethi “Queen of Cellulite City” (Ikumkanikazi yeMinyama). Ndizama kangangoko ukunyaniseka kwiintetho nendikubhalayo. Ndaqala ukutyeba ndineshumi leminyaka, kwaye ndandimkhulu kunoogxa bam endandifunda nabo. Loo nto yandenza ndaba yinkomo edla yodwa, kwaye ndandicinga ukuba ukhona undonakele kum kuba ndandingafani nabanye. Ekhaya, ingakumbi umama, wayethetha kakhulu ngomzimba wam nento leyo eyandenza ndaziqaphela nyhani. Xa sele ndicinga ngoku, injongo yayikukundinceda, kodwa zazindilimaza ezo ntetha.

3 Ndaqaphela ukuba ukuzigxeka kuyandibambezela, ndaze ndafunda ukuzixhasa nokuzincoma. Ndaye ndayamkela into ethi kuhle ukutyeba akugxekekanga. Amaziko efeshini afana neLVMH ade ayeka ukusebenzisa iimodeli ezibhityileyo zodwa. Kuhle xa amabhinqa enyaniseka ngemizabalazo yawo, nditsho neendumasi ezifana noSerena Williams noBeyoncé.



4 Ukuzamkela kwam kwaye kwandicingisa ngenkqaku lemagazini endakhe ndadibana nalo ndalifunda. Ndaye ndayiqonda into yokuba ukuxhatshazwa oku akwenzeki kwisini esinye kuphela. Iballi lomfana owayexhatshazwa kabuhlungu ngutitshala wakhe kwandenza ndavuleka amehlo. Intetho yabantu ethi 'indoda ayikhali' ingunobangela weengxaki ezininzi eziye zibe yingozi kubantwana abasakhulayo abangamakhwenkwe. Iinkqubo ezidlalwayo kwiTV ngamanye amaxesha ziye zibe ngathi ziyayixhasa le ntetho. Abanye abantwana baye bazive bengazamkeli, bezicaphukela kwaye bengazithembi. Bahlala benengqumbo kwaye le ngqumbo baye bayikhuphele kwabanye abantu abangenatyala. Le yingxaki eye idale, nedala ubundlobongela obukhulu eMzantsi Afrika. Ndaya ndaba nesigqibo esithi mandingajongi kwisini esinye kuphela mandikwazi ukunceda bonke abaxhatshazwayo. Lixesha lethu eli # MUSA UKUTHULA THETHA...

Sicatshulwe kwi-Bona kaEyethupha 2019 Liphepha 62–65 zase sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Uyintoni umsebenzi kaLala Tshabalala? (1)
- 1.1.2 Xela into ibeNYE eyayibangela ukuba uLala azibone ohlukile kunabanye abafundi. (1)
- 1.1.3 Yinyani okanye Asiyonyani. Iziphumo zokungazamkeli kwakhe zaba neendlela ezingalunganga. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.4 Ukuzamkela kwakhe kwaqala nini? (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.5 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo. Iimpawu zocaphulo ezisetyenziswe kwintetho ekulo mhlathi zibonisa ukuba eli nenekazi ...
- A Lilo elithethayo.
 B Yindlela elizibiza nelizamkela ngayo.
 C Liyikumkanikazi.
 D Yindlela elizibona ngayo. (2)
- 1.1.6 Nika intsingiselo yebinzana elingezantsi.
 “ndaba yinkomo edla yodwa” (2)
- 1.1.7 Ingaba iintetha zikamama kaLala zazifanelekile na? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.8 Chonga igama elisisithetha ntonye segama elithi “ukuzinyemba”. (2)
- 1.1.9 Ucinga ukuba kunyanzelekile ukuba amaziko efeshini asebenzise oosaziwayo? Xhasa impendulo yakho. (2)


Jonga kumhlathi 4

- 1.1.10 Kwamcingisa ntoni ukuzamkela kwakhe uLala? (1)
- 1.1.11 Chaza ukuba wafunda ntoni kweli nqaku? (2)
- 1.1.12 Yintoni enye eyathi yavula amehlo kaLala? (2)
- 1.1.13 Ingaba uyayixhasa na intetho ethi amakhwenkwe akakhali? (2)
- 1.1.14 Nika igama lesiXhosa elithetha i-TV. (1)
- 1.1.15 Ingaba isilogani esithi “#MUSA UKUTHULA THETHA” singaluncedo njani kuluntu lwaseMzantsi Afrika? (2)

[25]

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jongisisa lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Uthathwe www.gulfnews.com]

- 1.2.1 Lo mfanekiso uthathwe phi? (1)
- 1.2.2 Ngokwenkangeleko yalo mntu usemfanekisweni ungathi uvakalelwa njani? (2)
- 1.2.3 Ukuba ibingumhlobo wakho lo ukulo mfanekiso ubungamcebisa ukuba athini? (2)
- [5]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

Funda esi sicutshulwa silandelayo wandule ukunika ingcebiso ngeendlela zokubambelela kwiphupha lakho. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

IMIYALELO

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

UKUXHATSHAZWA

Ukuxhaphaza yinto ephindaphindiweyo yokuziphatha ebonakaliswa kukungalingani kwamandla kunye nenjongo yokwenza ingozi. Abafundi abaxhatshaziweyo bahlala beziva betyityinjiselwa umnwe kwaye benganamandla.

Iindidi ezintathu zabafundi abakhe baxhatshazwa ezinokuthi zizamava kukuxhaphazwa ngokuthe ngqo, ukungcungcuthekiswa ngokungathanga ngqo, kunye ne-cyberbullying. Kula macandelo kulele ukuxoka ngomlomo, ngokwasemzimbeni nangokwasentlalweni.

Ukuxhaphaza ngokuthe ngqo yindibaniselwano yokuthetha ngomlomo nangokwasemzimbeni. Ukuxhaphaza ngomlomo kubandakanya ukugqabaza okanye ulwazi olubhaliweyo nolwenzakalisa ngokweemvakalelo kumfundi ekujoliswe kuye. Ukuxhatshazwa ngokwasemzimbeni kubandakanya ukwenzakalisa ngokwasemzimbeni umfundi okanye izinto anazo. Umzekelo wokuxhatshazwa ngokuthe ngqo kuchaphazela abafundi ngelixa ubabiza ngamagama akwada okanye usebenzisa ulwimi olongcolileyo.

Ukuxhaphaza ngokungathanga ngqo kwenziwa ngamazwi nangamava ezikolweni. Umzekelo wolu didi lokuxhaphaza kuxa umfundi esasaza ulwazi lobuxoki ngomnye umfundi ngenjongo yokuthoba isidima saloo mfundi uchaphazelekayo. Eminye imizekelo kukungamhoyi umntu ngenjongo yokubakhuphela ngaphandle kwiziyunguma zentlalontle kunye nokuhlekisa ngayo.

I-cyberbullying kuxa abafundi besebenzisa i-imeyile okanye amaqonga eendaba ezentlalo afana no-Facebook ukubhala umxholo owonakalisayo. Okufanayo nokuxhaphaza abanye nge-cyberbullying, ekuhlaleni okanye kubudlelwane kuxa abafundi behleba okanye besasaza amarhe okwenzakalisa igama lomfundi oxhatshazwayo. Indlela eqhelekileyo yokusebenzisa i-cyberbullying kukwabelana ngeefoto zabucala okanye iividiyo zomfundi ngaphandle kwemvume yakhe. Olu hlobo lokuxhaphaza luyinto enganyamezelekiyo kwaye luhlala lusenzeka ngaphandle kwamasango ezikolo, ngoko ke kuya kuba nzima ngakumbi kootitshala ukuba bayifumane inyani kwaye bazame ukuyilungisa.

Izinto ezinokukhokelela ekuxhaphazeni zibandakanya ukungafani, imbonakalo, isimo sentlalo, ubuhlanga kunye nendlela yokuziphatha ngokwesondo. Abanye abafundi abaxhaphaza abanye bayazithemba nangona kunjalo, kukho ezinye ezinokuzithemba okugqithisileyo. Abo banokuzithemba okukhulu badla ngokungabi naluvelwano kwaye banokuphendula ngomsindo xa betyityinjiselwa umnwe.


Ukuxhaphaza akuchaphazeli abafundi kuphela, kodwa kuchaphazela usapho lwabo kunye nabafundi abafunda nabo. Abanye abazali bayabakhusela kakhulu abantwana babo kuba beziva besilele ukubakhusela. Abahlobo kunye nabafundi afunda nabo umfundi oxhatshazwayo banokuziva bengenamandla okunceda.

Ithathwe <https://study.com/teach/bullying-in-schools.htm/>

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3****ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uphendule imibuzo esekwe kuso.



- 3.1 Esi sibhengezo sibhekiswe koobani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.2 Xa ufuna ukunxibelelana naba bantu ungenza njani? (1)
- 3.3 Ingaba umfanekiso olapha uyahambelana nesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.4 Bhala isilanduli seli gama: **ekhululekileyo** (1)
- 3.5 Ngokolwakho uluvo, ingaba iindawo ezifana nooMasibambane kufanelekile ukuba zibekho? (2)
- 3.6 Ingaba sithini isizathu sokusetyenziswa kwefonti ezahlukeneyo. (2)


[10]

UMBUZO 4

IKHATHUNI

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

ISAKHELO 1



ISAKHELO 2



ISAKHELO 3



ISAKHELO 4



lthathwe www.sbt.blob.core.windows.net//storyboards

- 4.1 Lo mfanekiso uthathwe kweliphi ikhasi lonxibelelwano? (1)
- 4.2 Khetha igama lemboleko elikwisakhelo soku -1 ulibhale ngendlela eyiyo yesiXhosa (2)
- 4.3 Ingcinga yesithethi esikwisakhelo -2 ibonakalisa...
- A Ukoyika
 - B Ukukhathezeka
 - C Ukuzinekela
 - D Uchulumanco (1)
- 4.4 Chaza ukuba le ngxaki kaSivu isonjululwe njani? (2)
- 4.5 Intetho kaVuyo ekwisakhelo -3 imveza njengomhlobo onjani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.6 Kwisakhelo -2 ingaba aba bafundi baphi? (1)
- 4.7 Khetha impendulo ibeNYE. Iimpawu zokhuzo ezikwisakhelo -4 zibonisa (ukuzisola/ukothuka) (1)

[10]

UMBUZO 5

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA – D

Ukuzixabisa kwethu ngamanye amazwi kuxhomekeke kwindlela esicinga ukuba sikhangeleka ngayo. Asaneliseki yindlela esikhangeleka ngayo, asikonwabeli ukuba njengoko sinjalo, sibona abantu abamodelishayo emaphepheni nakumabonakude siqwenenele ukuba njengabo. Abantu bacinga ukuba xa bebenokuba neziqo ezilingana nezo bazibonayo bebeya kuphila ubomi obubhetele. Enyanisweni akukho nto **imbi** ekuziphuculeni, uphucule loo nto unayo ibe ngaphezulu kokuba ibisakuba njalo. Into embi kukusuka ingqondo yakho uyimisele kumba wokuzenza mhle kangangokuba uphile ubomi bokungcungcutheka kuba ungade ufikelele kubuhle okanye umzimba owunqwenelayo.

Indlela esicinga ukuba sikhangeleka ngayo isoloko ingeyiyo le abanye abantu basibona ngayo. Usenokucinga ukuba unezithwana zemilenze okanye amehlo amakhulu okanye amancinci, kodwa umntu xa ekujongile yena ubona umntu, lo unguye, akajongi ilungu elithile kuwe.



Ithathwe – Simnandi isiXhosa ibanga -9 (33)

- 5.1 Igama elithi 'obubhetele' lithatyathwe koluphi ulwimi? (1)
- 5.2 Guqula eli gama libe kwimo evumayo. "Asaneliseki" (1)
- 5.3 Khetha elona gama lifanelekileyo kwizibiyeli endaweni yeli: "abamodelishayo" (Izicwinana / ooNobuhle) (1)
- 5.4 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi silandelayo.
"Uphucule lonto unayo ibe ngaphezulu kokuba ibisakuba njalo." (2)
- 5.5 Gqibezela esi saci singezantsi uze uchaze intsingiselo yaso:
Ubuhle bekhiwane ... (3)

5.6.1 Khetha isimelabizo kwesi sivakalisi uze uchaze ukuba sikoluphi na udiri.

Umz. Bona – Isimelabizo soqobo

“Indlela esizibona ngayo isoloko ingeyiyo le abanye abantu abasibona ngayo.” (2)

5.6.2 Bhala isinciphiso segama – abantu. (1)

5.6.3 Ingaba isimamva esikrwelelwe umgca kwigama elithi izithwana sibonisa (ubuncinane / indelelo). (1)

5.7 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo ntetho.

“Asaneliseki yindlela esikhangeleka ngayo.” Qala ngolu hlobo. UThando uthe... (2)

5.8 Tshatisa amagama akrwelelwe umgca akuKHOLAM A kunye nesigaba sentetho sawo esikuKHOLAM B: (Umzekelo 5.8.1 A)

KHOLAM A		KHOLAM B	
5.8.1	Phila ubomi obungcono	A	Isifanekisozwi
5.8.2	Ingqondo ithe lwale ziingcinga.	B	Isihlomelo sexesha
5.8.3	Sibona ishi embi kweli lizwe.	C	Uhlobo lokuyalela
5.8.4	Bamodelishe izolo	D	Isihlonipho

(4)

5.9 Bhala esi sivakalisi sibe kuhlobo lombuzo.

Ukuzixabisa kwethu kuxhomekeke kwindlela esicinga ngayo. (2)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: (40÷2) = 20

AMANQAKU EWONKE: 60

